

Umhla: 11 September 2020

Umyalezo kwititshala zamabanga aseZantsi

Imiyalezo malunga neKhovithi -19 kulwimi lesiNgesi elongezelelweyo kuMabanga aseZantsi

Ukufunda kwale veki kujoliswe kwi Zandi

Molweni, ziphathimandla zezikolo, ncedani nidlulise ezi zifundo kubazali, ziqulathe iindlela ezilula zokunceda ukufunda izandi namagama esiNgesi:

Umzekelo:

1. Ukufundisa isandi u **ch** esifumaneka emagameni- **chop, chip, chimp, chick**
2. Chaza ukuba xa sibona abanobumba ababini u **c** kunye no **h** bedibene, zenza isandi esinye, esingu **ch**
3. Yenza amakhadi ohlukeneyo ngezi zandi, ngoluhlobo: **ch ip**, **ch op**, **ch in**, **ch imp**, **ch ick**
4. Phakamisa ikhadi wenze esi sandi **ch** . Nika umntwana wakho ithuba lokutsho emva kwakho
5. Mbonise ke ngoku umntwana Indlela yokuzibeka ezi zandi ukuze zenze igama.
6. M bonise ikhadi ngalinye uze utsho isandi sokuqala ulandele ngesinye **ch ip**
7. Wandule ukulibiza lonke igama **chip**
8. Vumela umntwana ukuba alibize emva kwakho. Yenza ngalendlela kuzo zonke ezi zandi zingentla.

Funa nezinye ingcebiso zokunceda umntwana wakho ngendlela zokulandela **Indlela yokuzigcina usempilweni** ngeemini abasekhaya ngazo:

Kusasa: Ukuvuka, utye isidlo sakusasa, uncedise kumsebenzi wase khaya, nenze nemidlalo yemithambo/imidlalo enizenzele yona ngrnjongo/imithambo kusasa.

Emini emaqanda: Ixesha lokutya, ixesha lokudlala nabantakwabo/izihlobo kunye nomsebenzi wesikolo.

Emva kwemini: Ukubukela iTV amakhsi asasaza izifundo, ukumamela izifundo ezisasazwa ngunomathotholo, ukufunda

Ngokuhlwa: Ukuncedisa ukungisa isidlo sangokuhlwa, ixesha lokuncokola izinto ezakhayo nosapho kwandule ukuya kulalwa.